*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Izinwele zami ezikhethekile*
*(My Special Hair)*
Illustrated by Jess Jardim-Wedepohl
Written by Candice Dingwall
Designed by Renate van Rensburg
Edited by Kelly Norwood-Young
Translated by Sihle Siko
with the help of the Book Dash participants in Johannesburg on 25 February 2017.

ISBN: 978-1-77623-051-8

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

# IINWELE ZAM EZIKHETHEKILEYO



Candice Dingwall | Jess Jardim-Wedepohl | Renate van Rensburg



Ndinentloko ekhetheke kakhulu,
intloko ekhethekileyo yeenwele.
Iinwele zam ezikhethekileyo
zahlukile.
Iinwele zam ezikhethekileyo



Azikhuli nje entloko,

kodwa zezam

ezam ndodwa,

mna qha!

Iinwele zam ezikhethekileyo zenza izinto ezikhethekileyo – ziinwele ezingumlingo, uyabona.





Ehlotyeni xa ilanga litshisa,
kungekho mthunzi naphi na,
andibili, anditshi.
Ndikhula umnqwazi weenwele.



Ebusika xa impulo yam ijika iba bomvu,

naxa

ingqele

yobusika

ivuthuza,

iinwele zam ezikhethekileyo zikhula zibe nde kakhulu.

Zindombathisisle ukusuka phezulu ukuya ezinzwaneni.





Entwasahlobo xa zonke iintaka ziphuma, yaye iyileyo isakha indlwana, intloko yam igcwele iingoma kuba iinwele zam ezikhethekileyo zigqwesile.



Ekwindla xa kusiwa amagqabi,
kungekho zintyatyambo
zifumanekayo,
intloko yam ekhethekileyo
iqalisa ukudubula iintyatyambo
eziqaqambileyo yonk’ indawo.

Iinwele zam ezikhethekileyo ziqinile zaye zomelele.
Azijingi okanye ziyokozele.
Andikhe ndikhangeleke ngokufanayo kuba iinwele zam zinako ukutshintsha imilo yazo.





Iinwele zam ezikhethekileyo
zigcwele amajikojiko.
Ziphothene
zibophene,
zomelele.
Iinwele zam ezikhethekileyo zikhula
iizandla ezineenwele – indawo
yokugcina izinto zam.



Iinwele zam ezikhethekileyo zikhula
amaphiko akhethekileyo –
amnyubuluzi,
                athambileyo
                        nakhaphukhaphu.
Zibhabha zigqume ubuso bam, zide
iinwele zam nam sibhabhe.



Iinwele zam ezikhethekileyo
zimibalabala, zibe
ngumnyama!
Okanyisa olona suku
lumnyama.
Iinwele zam zizele lulonwabo.

Iinwele zam zizele luthando.

Intloko yam ithweswe ngothando.

Ziyakhula

zikhule

zikhule

ndide ndizichithachithe

macalana onke.



Ezingako iintlobo zeentloko
ezikhethekileyo, ezingako zona
iindidi zeenwele.
Zingce ngento onayo phezulu,
umlingo wakho ukhula apho
phezulu!



